

Inombolo yefayili: 18/2/R
Isalathiso: 20230317-2649

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loKuxhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0005/2023

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nabezikolo zezakhono

Isihloko: Ukuhlaziywa kweenkcukacha zabafundi abakwiziko ledatha leSkim soThutho lwaBafundi (Learner Transport Scheme (LTS)) le-CEMIS

1. Amagama neendawo ekulayishwa kuzo abafundi ezikolweni abagunyazisiweyo ukuba basebenzise iskim i-LTS esixhaswa ngemali liSebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED), bafakwa kwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS ngokuqhubekayo.
2. Ngalo naliphi na ixesha kuvunyiwe yaye kwagunyaziswa ukuba abafundi basebenzise iskim sothutho lwabafundi i-LTS, amagama abafundi neendawo ekulayishwa kuzo abafundi afakwa kwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS ngamagosa ajongene noko kwaNdlunkulu. Kunyanzelekile ukuba izikolo zenze izicelo zabafundi abatsha abasebenzisa iindlela ze-LTS ukuqinisekisa ukuvunywa kwabo nokufakwa kwedatha yabo bafundi banjalo kwi-CEMIS.
3. Ukungqinisisa ukuchaneka kweenkcukacha zabafundi kwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS, iSebe iWCED liqhuba inkqubo yokungqinisisa nokuqinisekisa iinkcukacha zabafundi neendawo abalayishwa kuzo abafundi abagunyazisiweyo abasebenzisa i-LTS kwindlela echaziweyo ye-LTS esikolweni.
4. Zonke izikolo zikarhulumente ezine-LTS exhaswa ngemali liSebe iWCED, ukwenjenje ziyacelwa zithelekise amagama abafundi abasebenzisa ngoku iskim se-LTS esixhaswa ngemali liSebe iWCED ezikolweni, namagama abafundi afakwa kwikhompyutha kwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS.
5. Xa kujongwa iinkcukacha zabafundi eziboniswe kwi-CEMIS kungafunyaniswa oku kulandelayo kungekho mqaqweni:
 - Abafundi abasebenzisa kungokunje iskim sothutho lwabafundi kodwa amagama abo angabhalwanga kwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS, okanye

- Abafundi abangasisebenzisiyo iskim sothutho lwabafundi kodwa abanamagama abhaliweyo kwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS.
6. Ukwenzela ukuba kungenwe yaye kujongwe iinkcukacha zomfundi kwindlela nganye kwi-CEMIS, le nkqubo ilandelayo mayilandelwe:
 - Ngena kwi-CEMIS.
 - Kwikhasi lemenyu, yalathisa i-cursor kwisihloko esithi “Administration”. Kuya kuvela uluhlu olukhethwayo lwe-“Learner Transport” option kwi-drop down list.
 - Yalathisa i-cursor kuluhlu olukhethwayo “Learner Transport” option yaye kuya kuvela ii-“Capture Screens” kwi-drop down list.
 - Klikha kwii-“Capture Screens”.
 - Kwiskrini esilandelayo, klikha ku-“Proceed” ungalikhetshi ibakala.
 - Kwiskrini esilandelayo, klikha ku-“Summary Section” ukhethe inombolo yendlela echaphazelekayo.
 - Kuya kuboniswa uluhlu ngoku apho kukho abafundi abagunyazisiweyo kwindlela leyo ikhethiweyo.
 7. Kucelwa niqinisekise ukuba iinkcukacha zabafundi ezikwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS zichanekile na okanye akunjalo.
 8. Ukuba iinkcukacha zomfundi neendawo abalayishwa kuzo kufuneka zihlaziye kwi-CEMIS kucelwa kuzaliswe isihlomelo esiqhotyoshelweyo ukuchaza:
 - amagama, iifani, amabakala, iinombolo ze-CEMIS, neendawo abalayishwa kuzo ezigunyazisiweyo abafundi abayisebenzisayo i-LTS, kodwa abanamagama abo angaveliyo kwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS, okanye
 - amagama, iifani, amabakala, iinombolo ze-CEMIS identification numbers, neendawo abalayishwa kuzo ezigunyazisiweyo abafundi abangasisebenzisiyo iskim sothutho lwabafundi (LTS.)
 9. Izikolo maziqinisekise ukuba **ngabafundi ABANGAFUMANEKIYO kwi-CEMIS kuphela, kodwa abayisebenzisayo indlela, abadweliswe kwicandelo A lesihlomelo.** Izikolo maziyeke ukungenisa uluhlu lwabo bonke abafundi abasebenzisa indlela, njengoko ukungqinisisa umfundi ngamnye kuthatha ixesha ngokugqithisileyo, kuze kuthi emva koko kufumaniseka ukuba abanye abafundi okanye uninzi lwabo sele lufumaneka kwi-CEMIS.
 10. Kucelwa, niskene yaye ningenise uxwebhu (amaxwebhu) oluzaliswe ngokupheleleyo oluchaphazelekayo apha WCEDLTS@westerncape.gov.za **ungadlulanga owe-26 Aprili 2023.** Kunokuqhagamshelwana noMnu Griffet Fransman ku-021 467 2247 ukuba nifuna uncedo xa ningena kwi-CEMIS.
 11. Lwakuba lufunyenwe uxwebhu (efunyenwe amaxwebhu) olukhankanywe ngentla, iinkcukacha zabafundi abangasisebenzisiyo iskim sothutho lwabafundi (LTS), ziya kususwa kwiziko ledatha le-LTS kwi-CEMIS yaye iinkcukacha zabafundi abakufaneleyo ukuthuthwa ziya kuhlaziywa kwi-CEMIS.

12. Luya kuthakazelelwa uncedo lwenu ngalo mba.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO

UMHLA: 2023-04-06